Isalathiso: 20200206-4171
Inombolo yefayili: 12/2/8/13/Horizon 2020 Mathematics Competition for Grades 5-7
Imibuzo: AJ Lamprecht

INgcaciso eMfutshane yeKharityhulam ye-*GET*: DCG 0002/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtlokozokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoKuphathwa noLawulo lwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kubaQuquzeleli be-*GET*, kuBacebisi ngeZifundo besiGaba esiPhakathi, kuBacebisi ngeZifundo besiGaba esiPhakamileyo nakwiiNqununu zazo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezezikolo ezizimeleyo

Isihloko: Ukhuphiswano lweSebe leMfundo leNtshona Koloni/lwe*Horizon Mathematics 2020* lwamaBakala 5-7

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) libambisene ne-*Horizon Educational Trust* kwaye liya kunika inkxaso kwizikolo zeSebe leMfundo leNtshona Koloni ezithatha inxaxheba kukhuphiswano lweMathematika ngo-2020. Kulo nyaka kujoliswe ekufumaneni abafundi abangaphezu kwama-70 000 amababelane ngovuyo lokufunda i-Mathematika.

2. Umjikelo wokuqala uya kubhalelwa ezikolweni phakathi kwe-02 ne 13 Matshi 2020 ngosuku oluya kube lulungele isikolo eso. Ubhaliso lomjikelo wokuqala luya kuvulwa ukuqalela nge-10–28 Februwari 2020. I-Horizon iya kuyilawula inkqubo yobhaliso. Ukuthatha inxaxheba kumjikelo wokuqala kusimahla.

3. Uyacelwa ubhalisele umjikelo wokuqala apha https://forms.gle/5TDocM4ub9rzR7W28

4. Iphepha lomjikelo wokuqala linemibuzo eyi-20 ekhethisayo (*20 multiple-choice questions)* emayigqitywe ngemizuzu eyi-60.

5. Amaphepha emibuzo, iincwadi zeempendulo, iimpendulo kunye neefom zokubhalisela umjikelo wesibini kwakunye nemiyalelo ziya kuthunyelwa nge-imeyili kuzo zonke izikolo ngokuqala kudlulwe kwii-ofisi zezithili.

6. Amaphepha emibuzo aya kufumaneka ngesiNgesi nangesiBhulu.

7. Ukunika inani eliphezulu labafundi ithuba kukhuphiswano lweMathematika isikolo ngasinye singabhalisa i-10% yabafundi baso.

8. Ootitshala baya kumakisha amaphepha omjikelo wokuqala. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) licebisa ukuba ootitshala baxoxe ngeempendulo xa bemakisha amaphepha. Oku kuya kubonelela abafundi ngethuba lokuphononongа iindlela zobuchule zokubala ezahlukeneyo.

9. Umjikelo wesibini uya kuba ngoMgqibelo we-09 Meyi 2020 kwindawo ezohlukeneyo, eziya kwaziswa ngabacebisi bezifundo.

10. Abafundi abafumene 50% nangaphezulu kumjikelo wokuqala balungele umjikelo wesibini.

11. Ukumakishwa kwamaphepha omjikelo wesibini kuya kwenziwa yikomiti *yeHorizon Mathematics* yengingqi.

12. Umhla nendawo yomsitho wokuwongwa kwabo ngamabhaso uya kwaziswa kumjikelo wesibini wokhuphiswano.

13. ISebe leMfundo leNtshona Koloni licebisa kakhulu ukuba abafundi banikwe ithuba lokusebenzisa amaphepha eminyaka edlulileyo ukwenzela ukuba baphuhlise izakhono zokusombulula iingxaki zezibalo ezisiseko phambi kokuba bangenele ukhuphiswano. Imizekelo yokusombulula ingxaki kunye nezisombululo, inokukhutshelwa apha http://www.amesa.org.za/Challenge/Wiskunde.html

14. Ziyacelwa iinqununu ukuba zazise okukule ngcaciso imfutshane kootititshala beMathematika ukuze baiyithathele ingqalelo.

ISAYINWE : NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM KUNYE NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2020-02-12